Ngobu busuku, uThwasa uguquguquka oko, umana ezijula ebhedini. Yintoni ingxaki?

Ufuna ukuvuka kodwa uzakuvuka enze ntoni, ayephi ezinzulwini zobusuku?





UThwasa uhlala nomama wakhe uMthwakazi kwilali yaseMxhalanga. Mva nje uhlala ecinga ngeli gama walithiywayo. Wayefuna ukwazi walifumana njani?

"Ndingabuza umama?

"Akazukuba nomsindo xa ndimbuza." Wazibuza imibuzo emininzi.

“Ngomso kufuneka sivuke ngentlazane, siye kwilali yaseMxhelo. Kulapho uza kuqeqeshelwa ukuba sisangoma,” Watsho ejiye ubuso unina uMthwakazi. Waba buhlungu kakhulu uThwasa akuva la mazwi wazibona sele ephakathi komsi wamachiza eSintu.





“Ndiyakucela mama andifuni ukuba sisangoma. Ndiseyimveku andifuni kusebenza ngamayeza, ndifuna ukuba ngumongikazi,”

“Ungochongiweyo Thwasa kanti uza kuba siso isangoma. Ndakuthiya ukuba unguThwasa ndilungiselela le meko. Lungisa uze sihambe.”





Ezinzulwini zobusuku, uThwasa wavuka waqonondela phezulu wakude ngeengcinga.

“Ingaba kukuzifaka engxakini oku? Kodwa ndiza kumkhumbula uMama” Wathi khwaphululu kwa oko kuloo mandlalo uThwasa.

Kwakumnyama engafuni ukwenza ingxolo.

Thwayi, thwayi, wachwechwa ephuma endlini. “Ukuba ndinokugila nantoni, iza kwenza ingxolo!”





Endleleni, uThwasa wadibana nendoda imkhawulela.

Swahla, swahla wazimela emva kwetyholo.

“Ngubani olapho?” Indoda yakhwaza.
“Ndim, mhlekazi,” uphendule uThwasa.
“NdinguMthethwa, uyaphi ezinzulwini zobusuku? Awuwoyiki amarhamncwa obusuku he, khawuleza phendula kwedini.”

"Igama lam nguThwasa ndisuka eMxhalanga ndiyesaba ekhaya, uMama ufuna ndibe sisangoma kodwa mna andifuni kuba sisangoma ndicela undincede!"





“Hamb’ umke! Nina bantwana banamhlanje niziphethe kakubi. Anibahloneli abazali benu. Ndisisangoma mna kuqala. Jong’ apha, ndivumelana nonyoko kwedini. Akukho mkhwa xa usisangoma,” yatsho le ndoda ngomsindo.

UThwasa wemka ebuhlungu engalufumenanga uncedo.

Uza kwenza ntoni ngoku?

UThwasa uva izandi ezoyikisayo zasebusuku. Uza kuthini ukuba yingonyama okanye udyakalashe?

Thwaba, thwaba, uThwasa uhamba ebumnyameni ebhekabheka intliziyo ibetha ngamandla luloyiko.





Owu hayi! hleze kuyavakala noku kubetha kwentliziyo yam.

Endleleni, uThwasa udibana nenenekazi elide limkhawulela. Walaqaza ekhangela indawo yokuzimela kodwa kungasekho thuba lakubaleka.

“Ndingu Thwesiwe, uyaphi? Thetha mfana ndimamele.”

“Igama lam nguThwasa ndisuka kwilali iMxhalanga.  Ndibaleka umama ufuna ndibe sisangoma kodwa mna andikunqweneli oko. Nceda undihlangule.”





“Kukungabi nasimilo ukubaleka abazali,” latsho eli nenekazi.

Wakhala uThwasa waza uThwesiwe wamcebisa ukuba aye kufuna uncedo kwinkosi uKhwalo  wakwaNdwandwa.

Kaloku iNkosi uKhwalo udume ngokuthanda nokukhusela iintsana.

Wavuya akuziva ezi ndaba uThwasa.

UThwasa wenyuka induli esiya kwinkosi uKhwalo kwaNdwandwa enethemba lokuba uza kulufumana uncedo. Zazisele ziikhaphukhaphu iinyawo zakhe sele ehambela phezulu.





Ngaphandle kuthango lwendlu yeNkosi uKhwalo wafumana ingwevu yexhego. Wafika wacela ukubona iNkosi laze lamsa eli xhego.  Ufike waguqa ebongoza iNkosi ukuba imncede.

“Igama lam nguThwasa ndisuka kwilali iMxhalanga.  Ndibaleka uMama ufuna ndibe sisangoma kodwa mna andikunqweneli oko. Nceda undihlangule.”





Ilali yakhe yayingekude kule yenkosi yaze yampheleka ukugoduka. Bakufika inkosi yabiza uMthwakazi ukuba anike inkcazelo.

"Thwasa! Thwasa! Vuka uzakushiyeka, lixesha lokuya esikolweni." Wathi balulu amehlo waxhuma emandlalweni uThwasa.

Yayingumama wakhe uMthwakazi emvusa kusasa ukuba aye esikolweni.

"Tyhini yonke le nto ibiyimfeketho nje yephupha!"

Wancuma esanga uMama wakhe uThwasa.

